# [illegible]bongikazi Nontsizi u Chizama.

Hom ! Mazijike ! Tina Makoloni
Sifunze kakubi :—

Halahoyi ! Makoloni,
Nalo ke ivumba
Linukisa
Okwenyoka yomlambo.

Sifunze Xakubi !
Larazuka "ibhayi"
Itsho into ka Maxeke,
Ezingela nabayame ngentaba.

3 Halahoyi ! Amakoloni
Afuna Izibuko
Kuba u Rulumente
Wabambana no Palo
"Satwela" ukuhamba
Saxela inkonjane.

4 Uti Untloyiya ontusi
Into ka Maxeke
Izibuko kuqala lobonwa
Ngamakaya—
Aze no King George
Abeke ne Sitampu
Kauve !

5 Hom ! Mazijike
Siye ezintilini
Apela amadoda kuhlatywa
Ngumkonto ongqukuva
Camagu !

6 Sifuna Izibuko
Lokuweza amahobe "akabalinye"
Tina sofuna no Tshiwo
Abamemeza ingqina bengayipumi.

7 Sifunze ! Kakubi
Sifuna Izibuko
Eliyakuba yintambende
Yokuseng' izigudu.

8 Ummango umnyama
Sifuna Izibuko
Kuba obawo basisbiya.
Singumhlamb'ongena nkuni.

9 Halahoyi ! Kululani izihlangu
Nifune Izibuko
Ukuze Inkosi zenu
Zifuman'isipehlo.

10 Sifunze ! Kakubi
Itsho into ka Maxeke
Ingwevu enkulu
Yakulo Ngxokozelo.

14 Obawo basishiya
Lingeko Izibuko
Intloko zanezibi
Ngati zeza magqira.

15 Uyamenywa ! Lizibuko
Ngalo ilizwi le Sizwe
Elisekwe ngamandla e Zulu
Nawase mhlabeni.

16 Sifunze ! Kakubi
Singamakewukewu
Yitsho into ka Maxeke
Abitye namankazana.

17 Akuqekekwa toro
"Sisakwezi" milambo
Lode lihle ne Kwezi
E Afrika sibambelele
Camagu !

18 Uqekeko Inka Maxeke ?
Azi Mfundisi unalishwa lanina ?
Taru muga ote ukuwa
Wabhukuqeka
Amasebe anabela
Kwisizwe sakowenu
Taru !

19 Tina base Koloni
Sifunze ! Kakubi
"Asichasanga" zizwe
Singumti otshixiza komnye umti

20 Uti Udubula esendlini
Bacholinto emnyango
Xa likoyo Izibuko
Umzi wonqulela ndawonye
Ukusingisa ityala
Lemipefumlo ku Somandla
Taru !

21 Mayibuye ! I Afrika
Sifune Izibuko
Ukuze amatole
Angabi Zibhukutu.

22 Hom ; Mazijike
Singabe Sifanisa
Icawe mazivalwe
Siye ezintilini.

23 Siyapela Zimbumbulu
Sifuna Izibuko
Kuba sadunyelwa "buxhonti"
Kodwa singenaboya.

24 Asaziwa zi Nkosi
Nati asizazi
Sizizinja nje zidlula
Zigxota "amaxhama"

25 Kanti lento izinkosi
Sisicamagushelo
Sazo izikalo
Zaso Isizwe sazo

Camaguni !

UMTETELI WA BANTU (JOHANNESBURG) NOVEMBER 13th, 1920.